UKUCINYELWA KOMBANE

ANGAWUCIMA UMBANE UMASTANDE XA UMQESHI ENGABHATALI RENTE?

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW

UMASTANDI WAKHO AKANALUNGELO LOKUCIMELA UMBANE NGOBA UNGABHATELANGA RENTE KWAYE UKUBA WENZA LONTO LULWAPHULO MTHETHO

KUTHENI?

uSection 16(a) weRental Housing Act 50 ka 1999 uthi: nomphina umntu ovalela omnye ngaphandle ngokungakhosemthethweni okanye ocima umbane/amanzi usetyaleni lokubanjwa iminyaka emibini okanye abhataliswe imali okanye azifumane zombini.

KWAYE

uSection16(i) weRental Housing Act 50 ka 1999 ithi "wonke umntu ochasa imimiselo uzobanetyala apho angabanjwa iminyaka emibini okanye abhataliswe imali okanye azifumane zombini."

Imimiselo yohlukile kancinci kumaphondo, kodwa onke athi umastandi angawuchukumisa umbane wakho ukuba:

- Ngexesha likaxakeka , okanye
- Ukunikile ixesha elaneleyo lokuxelela uzolungiswa

Ngokomthetho ukungabhatali kwakho irente ayiniki mvume umastande wakho akucimele umbane.

Umbane wakho angacinywa xa ungabhaatali kodwa umastandi kufuneka alandela umthetho wokufuna umyatelo wenkundla phambi koba awucime, okanye ozokuba wenza umkhuba ongalunganga kwaye awukosemthethweni kwaye angabanjwa ngamapolisa umastandi.

Qaphela, yohlukile kancinci lemithetho xa ingu maspala ocima umbane endlini.

UMASTANDI AKAKWAZI "UZENZELA" .

Uba umbane wakho ucinyiwe, yenza lento:

1. Fowunela umaspala ubuze isizathu sokucinyelwa,
2. Uba ayingomaspala, buza umastandi kutheni umbane ucimile,
3. Cacisela umastandi ayikho semthethweni into yokucinyelwa umbane (umxelele ngomthetho obhalwe phezulu).

UBA UMASPALA AKAFUNI UBUYISELA UMBANE, UNGAYA KWEZINDAWO UFUNA UNCEDO:

Amapolisa: kuba ayikho semthethweni into yocinyelwa umbane, amapolisa kufuneka akuncede ubuyisela umbane.

iRental Housing Tribunal: Ungayofaka isikhalazo sika mastandi wakho kuba engafuni ukunika iinkonzo zikamaspala.

Yazi ezinye iiRHT azivuli ngeLockdown